## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'INYIBIBA' – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi yokuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ngaphakathi kwamalwalwa amabini iqaqambile – Le miqolo ivakalisa ithoni yoloyiso kule ntyatyambo, ukubalasela, ukugqama kobuhle kwiimeko eziyenza ifihlakale. Kungenjalo yindawo ezalelwe kuyo le ntyatyambo le iphakathi kweentaba apho ubani angacingelanga ukuba kungaphuma nto intle ngaphaya kwazo.
- Hayi obo buhle! - Oku kukhuza kuphuhlisa uvakalelo lokonganyelwa bubuhle bale ntyatyambo.
- Izityalo ezithile zaye zimi zijikele – Isimntwiso: esiphuhlisa ukuba yayikhule phakathi kwezinye izityalo ezaziyingqongile. Esi senzo sokujikela sinika umfanekiso-ngqondweni weliso ophuhlisa isenzo sokukhusela okanye ukubukwa kobuhle bayo.
- Ntloko yayo imhlophe-mthubi- Isimntwiso esingumqondiso wokucwenga ukuphuhlisa umbala wayo omhle. Kwakhona esi sigama sinika umfanekiso ngqondweni weliso wombala omhle noqaqambileyo wale ntyatyambo.
- NjengeTshawekazi – Sisifaniso esiphuhlisa ubuhle bayo le nyibiba ngokuyinika isidima sasebukhosini kuba ibonakale yongamile, izigqwesile ezinye izityalo.
- Zole, cwaka zizifanekisozwi ezisetyenziswe ngenjongo yokuyinika undiliseko nomfaneleko wayo le ntyatyambo xa ime izolile ingashukunyiswa nangumoya.
- Leyo ndebe ibukhephu– isikweko esiphuhlisa ubuhle ngokuyinika ubumhlophe obungumqondiso wobunyulu ukuqaqambisa ubuhle obunqwenelekayo. Kangangokuba intle kuyo le ntyatyambo, imbongi isebenzisa isakhi sifaniso 'ibu' xa eyifanisa nekhephu ukuvakalisa uvakalelo lwayo lokumangala le mbongi bobu buhle.
- Yayimsulwa kolo hlanga lwayo imi'yimfezeko, inyibiba entle - imfezeko – Esi sigama sisinika umfanekiso-ntelekelelo wokugqibelela obabubonakala kule ntyatyambo intle ngokumangalisayo nangokugqibeleleyo.
- Loo magqabi ayo asixwexwe, Achokozwe busiliva – Umfanekiso-ngqondweni weliso ophuhlisa ubukhulu nobuhle bamagqabi ale ntyatyambo ngokombala.
- Aphuphuma kukuphila- Isimntwiso esinika umfanekiso –ntelekelelo wento ezele yade yachitheka kuba imbongi iphuhlisa impilo egqibeleleyo yamagqabi amahle ale ntyatyambo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UNOZAKUZAKU' – ZS Qangule**

2.1 Luphuhlisa ukuba unozakuzaku uyazikhupha iimfanelo nangona ezikhupha eqale wazilandula.√√/Luphuhlisa ukuba unozakuzaku uyazenza izibele nangona ezenza emva kokuba eceliwe.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.2 Unozakuzaku ngumntu osele engqathuva ekuthenjelwe kuye ukuba uyawuqala aye kuwugqiba umcimbi wobulawu. √√/Ukuba unozakuzaku ngumntu ongemdala kuyaphi, uhambela phezulu kulo msebenzi wakhe kwaye udlala indima ephambili kumcimbi wobulawu.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.3 Ngumfanekiso-ntelekelelo wokuba xa efikile unozakuzaku abantu abazizihlobo bayafika ngokukhawuleza.√√ (2)

2.4 Ngokwenza ukuba isitanza ngasinye sibenemiqolo emi-4 ukuze siqingqeke√√/ Ngokwenza izitanza ziqingqeke.√√ (2)

2.5 Ngumyalezo wokuba unozakuzaku udlala indima ephambili xa kuhlanganiswa amakhaya amabini endiselanayo√√/Unozakuzaku udlala indima ekwakheni ubuhlobo kumcimbi wobulawu.√√
(Nayiphi na iphendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

ÉcoleBooks

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'IIMBONGI' – ZS Qangule**

3.1 Siphuhlisa ukuba nangona iimbongi zinolwazi oluphangaleleyo nolungapheliyo ngemiba yesizwe kodwa zikhe ziphelelwe okanye zivalwe imilomo.√√ (2)

3.2 Ithi iimbongi zinolwazi oluninzi azithuli xa isizwe sisiva kabuhlungu kwaye zithetha ngendlela ezithanda ngayo.√√ (2)

3.3 Ngumfanekiso-ntelekelelo wezimvo zeembongi ezininzi ezigxalathelanayo.√√/ Ziyagxalathelana ukuthatha iqonga lo uza neyakhe omnye aze neyakhe.√√ (2)

3.4 Umqolo ngamnye unamagama amathathu.√√/Ngemvano siphelo engu aabbccddeeffgg.√√/Ngemvano siphelo.√√/Inani lamagama kumqolo ngamnye liyalingana.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

3.5 Ngumyalezo wokuba iimbongi zidlala indima ephambili kwintlalo yoluNtu ngenxa yesiphiwo sazo sokubonga.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

**'UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE' – SEK Mqhayi**

4.1 Siphuhlisa ukuba le ntombi iswelekile.√√ (2)

4.2 Njengokuba ebhubhile nje uCharlotte Maxeke, ngubani ongumama oya kuzigqatsela okanye oya kuzinikezela ukuba enze umsebenzi abekwenza njengaye.√√ (2)

4.3 Ngumfanekiso-ntelekelelo weendlela ezahlukeneyo abebondla ngayo abantu base-Afrika.√√(Nanjengoko uCharlotte ebenguNontlalontle,umseki wamaqela ezopolitiko,mseki wamaqela ecawa,ebehlala kwiinkundla zenkosi zaseAfrika,wendele emaNywabeni)√√ (2)

4.4 Sidalwe ngokusebenzisa ngokuphinda phinda umyalezo wokuba angalityalwa√√/Sidalwe ngokusebenzisa imiqolo elinganayo ngokwesakhiwo√√/Sidalwe ngokusebenzisa ushiyo lwesikhamiso u-e ngokufanayo kwigama u 'aze' naku 'angaze' kule miqolo mithathu.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.5 Ngumyalezo wokuba inkulu indima efanele ukudlalwa ngoomama kumzabalazo njengoko inkulu neyadlalwa ngumama uMaxeke.√√/ Ngumyalezo wokuba oomama mabafunde kwizenzo zikaCharlotte.√√ (Impendulo mayithethe ngoCharlotte nezenzo zakhe)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

**IMFUNDO-PM Qangule**

5.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano.√√/Kukwenza umbongo uvakale kamnandi.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

5.2 Inothakazelelo/iyayithanda imfundo√ kuba iyiqaqambisa ngokusebenzisa isigama esiyincomayo.√ (2)

5.3 Imfundo iyayicoca ingqondo√√/Iqaqambisa ubumsulwa bemfundo√√/ Iqaqambisa ukulunga kwemfundo.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

5.4 Ngumxholo wokubaluleka kwemfundo ebomini bomntu.√√/Ubuhle obuza nemfundo ebomini bomntu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

5.5 Imfundo izisa ukukhanya okungasayi kuze kucinywe mntu.√√ (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## *INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi yokuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Ukuzotywa kwabalinganiswa kuxhomekeka ekubeni umlinganiswa angene phantsi kodidi oluthile lwabalinganiswa.Umzekelo uMfuneko ngumlinganiswa ophambili kuba uthatha indima elinganayo neyomlinganiswa oyintloko.Umbhali unako ukusebenzisa uzobo ngqo ukuchaza abalinganiswa.Umbhali usenokusebenzisa uzobo olumayana. UMfuneko Mnenga:
Iindlela zokuzoba abalinganiswa zimbini:
(i) Indlela engqalileyo- uzobo ngokuthe ngqo-umbhali unokubachaza ngokwakhe okanye athume omnye wabalinganiswa ukuba amchaze umlinganiswa kungenjalo amthiye igama elihambelana nesimo sakhe.
(ii) Indlela engangqalanga- uzobo ngokumayana apho umbhali abenza bazipele ngokwabo okanye bazibonakalise ngokwabo izimo zabo. Xa esenza oku usebenzisa
Kule ndlela yokubazoba uyakwazi ukubenza babonakalise icala elinye kuphela kubuntu babo oko kukuthi aqaqambise into enye ngaloo mlinganiswa.
UMfuneko umzoba ngokumnika isihlalo esiphezulu esipoliseni angasihloniphiyo okanye angasiniki sidima aze aqaqambise icala lakhe elibi lokuba lipolisa elingumbulali, elisisaphuli mthetho.
- Esi sihlalo simnika amagunya okwenza izinto ezinxamnye nesipolisa.
- Ufuna ukuphanda kuphela amatyala apho aza kuzuza umzekelo xa umfazi ebulele indoda ukuze azuze kwilifa laloo ndoda.
- Ukho kubiwo lwemipu yamapolisa engungqondongqondo.

Ngokumthiya igama
- Umthiye igama lokuba nguMfuneko wamnika nefani ehambelana nezenzo zakhe enguMnenga. Xa ulicazulula igama eli lithetha ukuba ngenene uyafuneka kwiimeko zolwaphulo mthetho kule ncwadi.

Umnika ifani enguMnenga. UMnenga sisilwanyana saselwandle esirhuqela kuso kwaxhoba esilifumanayo elwandle. Kule ncwadi simbona erhuqela kuye uThantaswa, uNompumelelo, ooSixaki, ooNqoza kunye nooSiphongo ukuze aphumeze ezakhe iinjongo zokufumana imali. Akamkhathaleli nokuba ugqibela engene kuyiphi ingxaki lowo athe wamrhuqela kuye ujonge ukumnqwamza qha. Akanalo nosini nokuba uThantaswa bazana njani lunye ulwimi asebenza ngalo yimali aza kuyifumana Umzoba ngokumchaza ngqo.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


- Umchaza athi 'wayeyinyoka nesele noMfezeko Mapheza' ngenxa yokuthathelwa kwakhe umntu wakhe onguHlengiwe owayesele wahlukana naye. Oku ukusebenzisa ukuze avale nawaphi na amathuba uMfezeko abenokuwafumana okuphanda eli tyala ngempumelelo.
- Umbhali uchaza njengofikelwe nguSathana akucinga ukuba naye angafumana kule mali kaThantaswa.
- Umbhali umchaza njengomfo onezigigaba uMfuneko- sitsho simve esitsho ukuba uMapheza akazi kuhamba lula kuphando lwakhe ekho. Esinye isigigaba sesi sokudlisa uMapheza ngetyhefu ade amthengele ixhwele uSiphongo ukuba amtshise ngoVutha kuba engafuni aphande ityala lokufa kukaMsindisi.Umbona ekuthanda kakhulu ukuphumelela ngezinto ezingekho mthethweni

  Uyamzoba nangokumchaza ngokwakhe okanye amenze azichaze ngokwakhe
- Ngeentetha zakhe uyatsho ukuba akazi kulungisa mthetho wonakala kudala.
- Uzichaza ngokwakhe azichaze njengesilambi xa ezithelekisa noYangaphi atsho abe angenza nantoni ukuzilinganisa naye.

**Ukumzoba mayana**: usibonisa izenzo zakhe apho azityhila ngokwakhe ngezinto azenzayo sitsho sihlumise kuzo ukuba ungumlinganiswa onjani.

- Isenzo sokufowuna esazisa ngomphanga kaMsindisi siyawakhamnqisa amapolisa ukuba ebesele eve ngabani engekho semsebenzini.
- Isenzo sokuthandana noHlengiwe azonde abantu abuye abuyele kuThantaswa simzoba njengodlalani. Akayincami intokazi awayekhe wanayo ubetha ebuyelela kuyo okwezulu laseMthatha.Umzoba njengophuma silwe ingakumbi kulo mba unoHlengiwe phakathi.
- Le mali ayifuna shushu yena, uyamlahla uThantaswa xa eyifuna gqitha kuba eso sisizathu asibekayo sokwahlukana noThantaswa anomntwana naye. Phofu Thantaswa lowo umthembisa ngokumtshata xa iphumile imali yelifa likaMsindisi.
- Umzoba njengepolisa elaphula umthetho nanjengoko umbalisi ezixela izenzo zokuba kwakukudala esamkela iimali zokunyotywa zizihange awayezikhulula sele ezibambile. Kwalapha uzotywa njengepolisa eliba imipu yasemapoliseni aye kuyithengisa ematyotyombeni- emva kokusikisa isitshixo sesitora- oku kuchazwa uZalala ongumgcini stora emapoliseni.
- Usebenzisa uNqoza ukudlisa uMapheza ngetyhefu ade azame ukumbulalisa nangexhwele yakohlulwa ityhefu.

  Umzoba njengengcuka eyambethe ufele lwegusha.
- Uba ngumyebelelana ozenza ngathi akazi nto ngokufa kukaMsindisi esazi.
- Uzigqatsela ukuphanda ngemipu elahlekileyo kuba esazi ukuba kufuneka egquke umkhondo.
- Unyoka uMfezeko kwamanye amapolisa njengempimpi-athi udla abanye izithende' ukuze bamthiye bahambele kude kuye.
- Umane exelela uThantaswa ngeemini amapolisa aza kuya kuphanda kwaThantaswa.

  Uzithembile kulo msebenzi wokwenza okubi.
- Xa kuthethwa naye uthi qhuzu qhuzu nje.
- Uphazamisa ingalo yomthetho ngokusuka aman'ukuthi ingqina abathetha nalo ooMapheza ligula ngengqondo.

  Unabo ubuyatha anabo.
- Emva kokutsha kwetyotyombe lakwaSiphongo, nguye owazisa ngokufa kukaMfezeko de kuye kuvelwa kwikhaya lakhe engazazi ukuba uyaxoka.

- Ufaka uThantaswa kwisivumelwano sokuhlawula uSiphongo noMdlambila izivumelwano ezisuke zayilahleko yodwa.
- Ude athi kushiyeke bayozibonela uMapheza xa engcwatywayo engazi ukuba khange afe uMapheza
- Ubika kuqala kwinto yonke ekungenzeka nyhani
  Uxolele ukujinga iliso kunokuba angayifumani imali kaMsindisi.

Umzobe walipolisa elihloniphekileyo

- Isikhundla sakhe sobucuphi simenze waba namandla okuphanda amatyala amaninzi,-ngesi sikhundla uphande ityala lokubulawa komyeni kaNompumelelo wakwazi ukugqukа umkhondo wababulali. La mava okuphumelela kulo mzamo uwasebenzisa ekulukuhleni uThantaswa kumkhuba wokubulala indoda yakhe, atsho athembeke.
- Umbhali umnike isikhwasilima sokunyolukela imali ngokokude angene kwizenzo ezininzi zobuqhophololo ezinjengokulahla umkhondo wababulali bomyeni kaNompumelelo,ukuthenga ababulali ooSixaki babulale uMsindisi ngenjongo yokuba uThantaswa atye ilifa,ukuncedisa uThantaswa ekuthatheni izigqibo kumalinge okufumana ilifa.
- Ugqamise ubuqhophololo bakhe ngezenzo zakhe ezigwenxa esipoliseni njengokuthengisa imipu atyhole uMapheza,ukufaka u*Inspector* Nqoza kumgibe wokuthiyisela uMapheza ukuze angabi nampumelelo kuphando lwakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

ÉcoleBooks

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Sisenzo sokungalali kukaThantaswa endlwini yakhe noMsindisi akuba evile ngokuthathwa kwesithembu√√/Sisenzo sokubuyelana noMfuneko akuba efumanise ukuba akasazi kuyifumana imali kaMsindisi.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.2 Ngeentetho zikaMkhokeli nezikaMsindisi ezizezi: Apho kukho utywala kukho amadoda abhantsayo√√/ngoko ke zikhwebule kuye engekakulimazi√√/Le nto ayenzayo ngoku ingabuchaphazela nobomi bakho√√/Ndifuna athi nokuba ucinga ngokundibulala angakhothi naphantsi emalini yam.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.3 Bafundiswa ukuba akulunganga ukuba ngumzali olahlekisayo√√/Ukuba iingcebiso ozifumana emzalini nazo ziyafuna ukubekwa esikalini zingathathwa zinjalo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.4 Kukweli ziko apho kuzalwa iingcamango ezimbini eziphixanayo kule noveli, eyokwaphula umthetho emelwe nguMfuneko neyokuwukhusela emelwe nguMapheza√√/Iziko lamapolisa lisetyenziswe njengendawo apho kukhuliswe khona impixano yebali√√/Lisetyenziswe ukuveza ubuqhophololo obenzeka kwinkonzo yesipolisa kanti kulindeleke ukhuseleko lomthetho.√√(Impendulo mayiveze impixano)
(Nayiphi na kwezi) (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


7.5 Ewe wayefanele kuba uThantaswa waphela emthengela ootsotsi uMsindisi bokuba bambulale akwazi ukulifumana lonke ilifa.√√ (2)

7.6 Lilichaphazele ekubeni libe ngunobangela wokufa komlinganiswa oyintloko.√√/Lilichaphazela ekubeni ukungalifumani kukaThantaswa ilifa kukhokelele ekubeni azidubule.√√ (2)

7.7 UThantaswa uzibona eseza kuyifumana imali ngoncedo aluphathelwa nguMdlambila kanti izinto azizukuhamba ngohlobo acinga ngalo.√√ (2)

7.8 Hayi kuba uMdlambila wayesaphula umthetho ngesenzo sakhe √√/Hayi kuba uMdlambila zange amsindise koko wamfaka kokaThisayo√√/Wenza impazamo yokusayina umhla ongenguwo lo kwakufanele ukuba uyawusayina.√√/Ewe kuba ngala mzuzu uMdlambila wayesiza necebo lokumsindisa ekulahlekweni lilifa awayelilangazelela.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.9 Ungumphandi wetyala lokubulawa kukaMsindisi.√/Nguye owenza bangakwazi konwaba emveni kokuba bebulele uMsindisi.√/Umane esithi ntlo amapolisa ngezinto eziyimiba yophando nacinga ukuba uzifihlile √Uphawula iimpawu zobuxoki kuThantaswa xa embuza imibuzo ngokusweleka komyeni wakhe. √
(Nasiphi isibini esichanekileyo) (2)

7.10 Basetyenziswe njengabalinganiswa abenza ukuba impixano ifikelele encochoyini kuba uMapheza uchasene nezenzo zikaMfuneko ezingekho mthethweni√√/Ukuchasa ulwaphulo-mthetho kukaMapheza nokuthanda ukuphila ngolwaphulo-mthetho kukaMfuneko kudale umsantsa phakathi kwesi sibini ngokuthi uMfuneko abekele izabatha uMapheza.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.11 UThantaswa wabhala umhla ongafanelekanga nto leyo yaba ngunobangela wokuba abanjwe uMdlambila, uThantaswa azibulale kunye noMfuneko bengalifumananga ilifa likaMsindisi.√√ (2)

7.12 Ibhalelwe zonke iindidi zabantu√ kuba ixhobisa uluntu gabalala ngezinto ezenzeka kwintlalo yabo.√√/Ukuba bazi ukuba umvuzo wesono kukufa ngengoko kubenjalo kuThantaswa noMfuneko√√/Ukuba ubufuna ukufumana ubutyebi ngondlela mnyama akulunganga.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (3)
**[25]**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi yokuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iindlela azotywe ngazo uThole

- Umbhali ubazoba ngegama eli alinikwayo umlinganiswa, ngeengcinga zabo ngezenzo zabo umzekelo, 'ukubhomboloza, isingqala sikaThole, ',ngeentetha zabo,ngezinto ezithethwa ngaye ngabanye abalinganiswa, angakhe asebenzise omnye umlinganiswa ukuchaza abanye okanye abachaze ngokwakhe, asibonise iindlela abazithethelela ngayo kwiimeko zokuxakwa zizinto umzekelo uThole uba maka xa enunuswa ngotywala esezingqondweni … 'uxolo mfondini … uxolo madoda' xa elandula utywala' kanti ke ngokunjalo neemeko zentlalo. Iimeko zentlalo ziyayifuthela indlela aziphatha ngayo umlinganiswa umzekelo: isini, ubudala, indawo ekuhlaleni; liqaba? Sisifundiswa? Uzalwa ngoobani? Ubuni ngokwebala kwakunye nobuni ngokwengingqi azalelwe kuyo-uzelwe ngamaqaba akwaGcaleka impucuko uyokuyirhabula eZazulwana.

Igama lakhe

- Uthiywa igama lokuba nguThole legqwirha xa esakhula ukuze kungalindeleki nto intle iya kuvela kuye ngenxa yokuba ezalwa ngamaqaba
- Ethubeni/Ekukhuleni kwakhe akuba mdala abe ngumfundisi igama lakhe liyatshintsha libe nguMangaliso ngenxa yezenzo zakhe- indlela ayinyuke ngayo ngokungakholelekiyo le ntaba yokuya kuba ngumfundisi.

Ubudala bakhe

- Iminyaka yakhe iye yanegalelo ekungakwazini ukuthatha kwakhe izigqibo nokulukuhlwa lula ziitshomi. Uzotywe ngokobudala wangumfana oseze ngobuso elizweni, ekusamele ukuba athathe izigqibo ezithile ukuya empumelelweni. Kusafuneka athathe isigqibo sokuphindela esikolweni ukuze kuzaliseke iphupha lakhe lokuba ngumfundisi.

Iingcinga zakhe

- Wenziwe ukuba athathe isigqibo sokuba ngumfundisi ebuntwaneni mhla wayebona umfundisi enqanda abantwana besikolo besilwa aze azimisele ukuba naye akuba mdala uya kubanjengomntu owayethetha ngelizwi elalintama uxolo.
- Wenziwe wangumlinganiswa onesazela. Xa esenza into engalunganga iingcinga, iinkumbulo ziyakhumbuza nanjengoko mhla asela nooThemba kwinqwelo, eshunyayezwa nguThemba asuke abhomboloze singamonwabisi isiselo esinxilisayo ebesimele kumonwabisa njengabanye.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


- Xa esiya kuloNomsa wenziwa isazela ngokuba kuthi gqi uSigxabhayi oshumayela kodwa kuthi rhiphu uvalo kuye ngenxa yokuba engumlinganiswa onesazela.
- Xa kushunyayelwa eKnysna kusithiwa makathengise ngemfuyo yakhe nalapho akakhange athalalise uyazile ukuba makasuke eKnysna abushiye ubuncwane athengise ngemfuyo yakhe.
- Wenziwa alihloniphe ilizwi likaThixo okanye amane ukulikhumbula akuzifumana ekwimeko enzima nanjengamntu wonke naye kuthi akuthi minxi athathe isigqibo sokusebenzela inkosi de enze isibhambathiso ekungelula ukusizalisekisa.
- Wenziwa angakwazi ukumelana nokujonga isikizi ngoku akuloNomsa apho uNomsa abethwa nguJoe neqela lakhe.

Iintetho zakhe

- Iintshumayelo zakhe zibubungqina bendlela athetha ngayo ngaye kuba kuthi ngokushumayela kwakhe kutshintshe umoya kwindawo akuyo nanjengoko wenjenjalo esikolweni, eGeorge Goch nakwindawo yakhe.
- Ngentetho zeentshumayelo zakhe abantu abebengakubonele nto ukukhupha imali ecaweni bebeyikhupha begaba yenze izinto okanye ilungise iimeko zenkolo nezokuhlala.

Izenzo zakhe

- Wenziwa abe li-athalala ekuthatheni izigqibo ade abe akazithathi, zithi ke ngokuthathwa ngabanye abantu abangenguye zimane ukuya kumtshonisa kwimihadi yobomi mbone esiya eBhayi engaqondanga, mbone esiya kuloNomsa engaqondanga, naseKnysna engaqondanga.
- Kwezi zigqibo amana ukuzithatha wenziwa ukuba isigqibo asithathayo esinxamnye nesifungo sakhe sokuba ngumfundisi singamsebenzeli koko sisuke simfake kokaThisayo umwonyo nanjengoko kwenzekayo kumahlathi aseKnysna wasinda ngocimicimi.
- Uvezwa njengokrelekrele engqondweni, Oku kuvezwa kwiingxoxo zakhe esesikolweni, kwiingxoxo-mpikiswano de ziqwele zimenze aphumelele emagqabini zimncede ukuba ade abufundele gqibi ubufundisi abezalathele bona ngokufumana imali yokufunda ngazo.
- Uvezwa njengoqatshulwe ngobuThixo umzekelo, uthi akukhumbula ngobuThixo ngoko nangoko iimeko akuzo ezinzima ziguquke. Xa wayenikwe ithuba lokuthandaza noko wayengekade abe wazi nto ncam kodwa uthembisa ngokubonga igama lenkosi aze amenzele into enkulu.
- Akulibiza igama lenkosi okanye akuphupha okanye akuchukumisa nantoni na esebuThixweni uyasinda kwimeko ebimjongile de waya kusinda eKnysna ehlathini ekuqwengweni ziingonyama abahlobo bakhe beqwengwe bonke.
- Isenzo sokubethwa akasiqalekisi koko uthi “yimisebenzi kaThixo umbuyisa kwiindlela zakhe ezitenxileyo.
- Isifundo seBhayibhile esingonyana wolahleko, eligqirha eKnysna sichazwa njengesamenza wabinzwa ngokwekrele ngala mazwi.
- Ubekwa eGeorge Goch eshumayela kusiphuke izicithi suka kuvele uyise awahlukana naye emncinci.
- Uzazi zonke iinkolo, uyamenywa nakwezinye iinkolo ngabefundisi.

- Zonke izinto ezazisezisifa zavuka ngaye akwamkela ubizo, ndibala iGeorge Goch, icawa yelali yakhe nditsho kwanekhaya lakhe naye abuyele ebuntwini obugqibeleleyo abe naye nomzali onguMkwayi abengenaye ubomi bakhe bonke.
- Xa efika kwaFikizolo uFikizolo uxa emchaza uthi 'obefile uvukile'.

**Abanye abalinganiswa bayamchaza ngokwabo**
- Uchazwa nangubani ngendlela ambona ngayo.
- Xa bemchaza bathi akukho lwazi ngendlela awazalwa ngayo kodwa xa bemjonga ngale mini bathetha ngokungathi akafani nabanye ngokungathi akazelwanga ngumfazi njengabo.
- Xa bemchaza bathi ufunde ngaphezu kwabo bonke abantu ehlabathini de wodlula nabeLungu

**UThole uzotywe wangumlinganiswa okrelekrele**
- Athathe izigqibo ezimfaka zimkhuphe ezingxakini okwethutyana
  - ezifana nokufumana umsebenzi kwaIrvin & Johnson xa ezibone sele eseBhayi.
  - Nokuthatha isigqibo sokundwendwela uNomsa okumfake kwingxaki yokubethwa nguJoe neqela lakhe aze athathe isigqibo sokugoduka.
  - Nokubethelwa/ukuba nothuku kwakhe kula moto iya eKnysna kumkrobisa nje kwingxaki akuyo kungamkhuphi kwingxaki yokushiywa ehlathini.
  - Ukuzenza kwakhe igqirha eKnysna kumkhupha okwethutyana kwingxaki yokungabi nakutya nakhaya kodwa asale esenengxaki yokuba le nkolo ayilandelayo isachasene nenkolo awayeyifungele.
  - Ugujululwa apho ke ziintshumayelo zimgoduse.
  - Akuthatha isigqibo sokuphindela esikolweni, engekasithathi ngokupheleleyo esokuba ngumfundisi usala engekapheleli de amkele ubizo zonke izinto zimhambele kakuhle.
- Wenziwe wangumlinganiswa othandwayo nguThixo.Oku kungqinwa kukunikwa iBhayibhile nguThozama ehamba imsindisa kwiinzima ahlangana nazo, uThemba uthi noko emnxilisa nje abe emshumayeza.
- Kukubonakala engumntwana kaThixo umzekelo ukuvela kukaSigxabhayi xa eza kungena kwingxaki yakwaJoe.
- Wenziwe wangumlinganiswa onesazela kuze oku kungqinwe kukubhomboloza akusela utywala, Ukuhanjelwa ziinkumbulo zabashumayeli xa esenza izinto ezinxamnye nobuThixo**.** Ukungafuni ukuthatha umfazi engekakufundeli awayekucwangcisile.
- Wenziwe wangumlinganiswa ozithembileyo kuba isigqibo sokubuyela esikolweni sibonakalise ukuzithemba nangona uFikizolo ebengamthembanga. Ukuthatha isigqibo sokuya eGeorge Goch nangona kungekho namnye umfundisi ozimisele ukuya khona nokuthemba ukuba uya kufika enze utshintsho nalapho aphela edityaniswa noyise.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Sesokuntyintya uThole ngotywala aze azibone sele eseBhayi engaqondanga. √√ (2)

9.2 Isilumkiso esivela kumfo wakwaSigxabhayi esithi, "umntu unokuwuthabatha na umlilo awuse esifubeni sakhe, zingatshi na iingubo zakhe? ..." √√/Ukubethelwa okubonakala ngokuthi rhiphu kovalo"√√/Ukuthandabuza ukungena kulo mzi aya kuwo.√√/Iinkumbulo zamazwi awaweva eSprings.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.3 Bafundiswa ukuba akulunganga ukuthandana nabantu ababini ngexesha elinye√√/Bafundiswa ukuba akulunganga ukuthandana nomntu omoyikayo.√√ (Nayiphi na kwezi.) (2)

9.4 Kulapho kwaqhubeka impixano yangaphakathi kuThole apho wayethandabuza ukungena kwikhaya likaNomsa√√/Kulapho kwaqhubeka impixano yangaphandle phakathi kukaThole neqela likaJoe√√Kulapho kwaqhubeka impixano yangaphandle phakathi kukaNomsa noJoe.√√ (Nayiphi na kwezi.) (2)

9.5 Ewe wayefanele kuba kwathi kanti isiganeko esilandelayo saba sesokubethwa kwakhe nguJoe neqela lakhe.√√/Ewe kuba kwaqhambuka umlo phakathi kwakhe neqela likaJoe.√√ (2)

9.6 Ulichaphazela ngokuthi abe ngunobangela wengxwabangxwaba phakathi kukaThole noJoe ekhokelele ekubeni uThole athathe isigqibo sokugoduka nesokuyisebenzela inkosi.√√ (2)

9.7 Eyokuba ede wangumfundisi nje nguThozama owayemxhasa.√√ (2)

9.8 Zimchaza ngokufanelekileyo, kuba eneneni wayebonwa nanguthathatha ukuba ubufanele, nezenzo zakhe zimngqina.√√ (2)

9.9 Ukudibana kwakhe noThemba noSonwabo uzibona sele esela utywala ngokugqithisileyo azibone eseBhayi.√√/Ukuthatha kwakhe isigqibo sokuya kuloNomsa kumfaka enkathazweni yokuphantse abulawe nguJoe neqela lakhe.√√/Ukudibana kwakhe noThemba edolophini eGcuwa nokungakwazi kwakhe ukwala kumbangela azibone sele ekumahlathi aseKnysna apho asinde cebetshu ekuqwengweni ziingonyama.√√ (Naziphi na iimpendulo echanekileyo.) (2)

9.10 Kwenze ukuba ibali libekho kuba lisekwe kwisimo sikaThemba sokunxila ngokugqithisileyo nesimo sikaThole sokungakwazi ukuthatha izigqibo ezizezakhe aze abe uThole ungena kwimigibe yokunxila noThemba kodwa yena wakwazi ukumelana neziphazamiso batshintsha ubomi bakhe.√√ (2)

9.11 Saba sesilungileyo kuba uThole waba ngumfundisi ophume izandla.√√ (2)

9.12 Ibhalelwe zonke iindidi zabantu √kuba ixhobisa uluntu malunga nabahlobo abangalunganga√√/Ifundisa abantu ngokubaluleka kokuba nethemba.√√ (3)
**[25]**

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi yokuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umlinganiswa uzotywa ngegama alinikiweyo,ngesimo sakhe neempawu zesimo, ngezenzo zakhe, ngeentetha zakhe/ezabanye abantu, ngezinto aziphephayo nazingqalayo
Kule ndlela yokubazoba uyakwazi ukubenza babonakalise icala elinye kuphela kubuntu babo oko kukuthi aqaqambise into enye ngalo mlinganiswa

Iindlela zokuzoba abalinganiswa zimbini;

(i) Indlela engqalileyo- uzobo ngokuthe ngqo-umbhali unokubachaza ngokwakhe okanye athume omnye wabalinganiswa ukuba amchaze umlinganiswa kungenjalo amthiye igama elihambelana nesimo sakhe.

(ii) Indlela engangqalanga- uzobo ngokumayana apho umbhali abenza bazipele ngokwabo okanye bazibonakalise ngokwabo izimo zabo. Xa esenza oku usebenzisa

- UFriday kulo mxholo uzotywe njengomphixanisi. Uthengisa ngomzabalazo wabantu abamnyama. Uzotywe wangumlinganiswa omi phambi kwempumelelo neenjongo zikaMfazwe. Akafuni uMfazwe aphumelele kwiinjongo zakhe zokukhulula umntu omNyama kwisandla esilushica sabaMhlophe.
- Uyenza le nto ngokusebenzela amaBhulu, embhatala iimali ezinkulu. Ukuba ebenenyani ngeyevana noMfazwe, kodwa endaweni yoko bayinyoka nesele. UFriday neqela lakhe emini baziinkokheli zabahlali kanti ebusuku baleqana nabantu abazabalazayo.
- Uzotywe wangumlinganiswa oyimpimpi okanye ungcothoza,osebenzela abamHlophe. Ukhona kwiqela labantu abatshisa ikhaya likaMfazwe.
- Uzotywe wangumlinganiswa ongenanyani nohoye isiqu sakhe kwaye ongcolileyo kunye nabantu asebenza nabo.
- Uphambili kwiqela elibulala abantu abangenatyala, batshisa izindlu neevenkile zabantu abangenzanga nto kuba befuna kutyholwe abanye abantu.
- UFriday uzotywe wangumlinganiswa okhohlakeleyo. Umzekelo,ebusuku xa bekhangela ixhoba labo elinguMfazwe banxiba iibhalaklava. Kodwa ngenye imini kwatat'uGaba besiya kuhlasela uMfazwe, yena uFriday wayengagungxanga nto, engazifihlanga. Babephethe imipu baze bashiya apho begibisele ibhombo yepetroli.
- Uzotywe wangumbulali kuba aba bantu babhaqwa nguMfazwe kwiCressida beswelekile, babulewe nguFriday neqela lakhe.
- Isimo sentlalo siyasetyenziswa ukuzoba nokutyhila abalinganiswa.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


- Ungumsebenzi waseposini osoloko esenza izinto ngendlela emkhanyelayo ukuba usebenza eposini- kude kuthiwe akwaziwa ukuba yena yintoni le ayenzayo ingenziwayo ngabanye oonoposi.
- Ngokwenkangelelo uchazwa njengochwenene.
- Xa ebonwa nguMfazwe ehleli noZo ubalekisa amehlo. Akabufihli obakhe ubuso xa abanye begungxe isankwane esakhe usiphethe ngesandla. Uthembele ngantoni? Uthengisa ngoMfazwe ade ambize ngoQhimgqoshe.
- UMfazwe xa emchaza umchaza athi ngumhlwa onguFriday. Amapolisa afunza ngaye.
- Uzotywe wangumlinganiswa ongalufuniyo uxolo/ongumphembi wodushe nanjengoko wasasaza ukuba uMfazwe ngungcothoza waze waphembelela ukuba kutshiswe ikhaya lakhe.
- Uthathela uNokuzola ngakuye ngenjongo zokuhlabekisa uMfazwe ude ambize ukuba uNokuzola aye eholweni ecaweni kwintlanganiso yabantwana besikolo.
- Uthi akubona uMfazwe entlanganisweni wakhwaza uFriday esithi ooqimngqoshe abafuneki apha baza abantwana besikolo bonda ngoMfazwe bamnkula kanobomi.
- Yena nabanye abathathu abanxibe ibharaklava bazungula uMfazwe, abe engayinxibanga ephethe umatshisi ngeenjongo zokutshisela uMfazwe kwimoto wayedla ngokuzifihla kuyo.
- NguFriday neqela lakhe abagibisela isiqhushumbisi kwindlu kamfundisi uHlathi.
- UFriday wabulala amahlakani akhe awayehamba nawo ngeCresida emthubi mahlakani lawo awayewasebenzisa ukubulala abantu.
- UFriday wabandakanyeka ekunyamalaleni kwabazali bakaMfazwe nokuduka komkhondo wabazali bakaSqithi kwakudutyulwe nezinja zafa zonke.

**Uzotywe wangumlinganiswa ongumkhohlisi**
- Wakhohlisa abantu bakwaQaka ukuba uMfazwe yimpimpi.
- Wakhohlisa uNokuzola esenza ngathi bayathandana zabe iinjongo zakhe ikukumsebenzisa ekulweni uMfazwe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Sisenzo asicingelayo sokuhluthelwa uNokuzola√√/Isenzo sokumthelekisa nabantu bakwaQaka apho amtyhola njengempimpi√√/Isenzo sokuba nenxaxheba ekutshisweni kwekhaya likaMfazwe√√/Isenzo apho uFriday neqela lakhe bezungula ukubulala uMfazwe mhla ezimele kwatata uGaba.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.2 Inkcazo ngoFriday iyonke yenza isikrokro.√√/Io mbuzo buciko azibuza wona ukrobisa ngokwenza abafundi benoveli bacinge ukuba ikho into eseza kuvela eyenziwa nguFriday.√√ (2)
(Nayiphi na kwezi.)

11.3 Ubufutshane abubangeli ukuba ube ngumntu ongenaxabiso ebomini√√/Kulungile ukukwazi ukuwulawula umsindo wakho phantsi kwayo nayiphi na imeko.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

11.4 Iziko lamapolisa libe nenxaxheba ekukhuliseni impixano kule noveli kuba limele urhulumente wengcinezelo ohlalele ukwenza udushe kwaQaka esebenzisa lona.√√ (2)

11.5 Ewe wayefanele kuba kwathi kanti uFriday neqela lakhe baneenjongo zokumbulalala.√√ (2)

11.6 Ulichaphazele ngokuthi kuvele esiphelweni sencwadi ukuba uZubuye ngumntwana kaNokuzola noMfazwe.√√ (2)

11.7 Ibhekiselele kwiinzima athe wahlangabezana nazo uMfazwe endleleni kwidabi lokulwela ingcinezelo.√√ (2)

11.8 Ewe kuba nguye obephambili ekuphembeleleni udushe ethelekisa uMfazwe noNokuzola, ekwathelekisa uMfazwe nabantu bakwaQaka√√/Nguye ongunobangela wokutshiswa kwendlu yakuloMfazwe ngabantu bakwaQaka√√/Ungunobangela wokufa kwabantu ababekhwele kwimoto eyiCresida.√√/Hayi kuba inja isisilwanyana esihloniphekileyo ngenxa yokukhusela umniniyo, yena wayengakhuseli koko wayethengisa ngabantu bakubo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

11.9 Besithenga abantu ukuba babe ziimpimpi sibahlawula njengembuyekezo yokuthengisa kanye ooMfazwe aba.√√/Isipolisa siso ebesixhokonxa abantu ukuba babethane, batshiselane imizi, sibulalela nabantu eluvalelweni ngeenjongo zokumthibaza nokumthundezela ukuba uMfazwe anikezele angayilwi ingcinezelo.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.10 Kube bubuchule ekudaleni impixano kule noveli kuba ubumpimpi bukaFriday nobuthandazwe bukaMfazwe budale umsantsa.√√ (2)

11.11 Isivumelwano sikaMfazwe nomfundisi uHlathi sibe nesiphumo esihle kuba uMfazwe uyabhaca abuye sele eyijaji.√√ (2)

11.12 Ibhalelwe abantu bonke √ kuba imalunga neziganeko ezehlayo ngexesha kusiliwa ingcinezelo ebichaphazela wonke umntu.√√ (3)
**[25]**


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 12: UMBUZO OMDE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi yokuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Uncwadi lwemveli luncwadi apho kukho iintsomi, iingoma namaqhalo ezithi zisetyenziselwe ukuxonxa izimilo zabantu ukuze bazikhwebule kwizenzo ezigwenxa.

- Intsomi kaDeli noDeliwe isekwe kumxholo ongokucalucalulwa kukaDeliwe ngenxa yokuba enesifombo.

- Ucalucalulwa ngabazali bakhe, umfowabo uDeli nasekuhlaleni nto leyo emngcungcuthekisayo. Ngalo mzekelo wakhe sifundiswa intlalo abayihlalayo abantu abacalulwayo ukuze sizifake ezihlangwini zabo.
  Ngokwale ntsomi, abazali bathanda uDeli kunoDeliwe,

  UDeli uyamhleka uDeliwe ade amxelele nokuba akangowakowabo kuba asizange sibekho isifombo kowabo de amnike nesihlalo sokuba ngumntwana ocholweyo. UDeli akafuni kubonwa ehamba noDeliwe kuba esithi uyamhlaza ngeli gongqo lisemqolo de akamkhapha ethunywe kwamhakhulu.

  Izililo zikaDeliwe zinika umfanekiso-ngqondweni wongcungcutheko ukuze zichukumise izazela kwaba baphulaphuli bentsomi banokuthi kanti bayawenza lo mkhuba wokucalucalula abantu.

- Abahlali abamhlekayo bamenza avuke ngonyezi yena ukuya kukha amanzi ukubonisa olu ngcikivo balwenza kulo mntwana walo mntu.

- Kusetyenziswa isaci esithi 'ekunyamezeleni kukho umvuzo kuncedo lokumfundisa ukomelela uDeliwe.
  Imfundiso elapha kwesi sigaba sale ntsomi yeyokuba umphulaphuli afunde ukuba makangafani nabantu abangcikivayo. Umphulaphuli makafunde ukuzondelela ade aqabele entabeni kuba mkhulu umvuzo ekuqabeleni entabeni. Zikho ke neengoma ezivunywayo neentetho ezithi, impumelelo isentabeni axhasa lo mbono wokuba nomonde nokuzingisa. kwanesiXhosa sinayo intetho ethi umzingisi akanashwa enjongo yayo ikwakukomeleza.
- Kwale ntsomi isebenzisa ulwimi oluthi ukungafunwa ngabantu 'yinayinayi' kuba abagxeki abasoze baphele kwaye akuzukuthandwa ngumntu wonke.

-.Uncedo lwakhe luvela ngokuthi akuqabela entabeni ahlanganiswe nexhegwazana elim-ayine umqolo lamnika amazwi entuthuzelo, amfundisa ukuthandaza ngokunyanisekileyo.
- Kule ntsomi kuboniswa amandla okunyaniseka koko ubani akufunayo athandaze enyanisekile.
- Le ntsomi imenza avume ingoma. Ingoma ayivumayo ngenxa yemincili igxininisa amandla omthandazo.
- Ingoma zakwaNtu: kwingoma ethi 'Asikufuni emapatini' kuvela ucalu-calulo lwesini apho kuvela ukuba indawo yoomakoti isekhitshini kuphela. Oku kuthetha ukuba abantu basetyhini abasandula kutshata baba selucinezelweni olumandla emakhayeni abo nasekuhlaleni nolubangela ukuba bangonwabi emitshatweni yabo.
- Akho ke namaqhalo athi, esihleliyo sidl'ukuhlala esiphilayo sesithwethwayo athetha ukuba umntu ongenzi nto akalungelwa nto.
- Likho nelithi ubutyebi abufunyanwa ngelanga elinjongo yalo ikukukhulisa ukuzondelela kulowo ucinga ukutyhafa okanye izinto zithathe ixesha elincinci.
- Umyalezo kule ngoma ngowokuba wonke umntu unelungelo lokuya naphina athanda khona kungajongwa sini ukuze azive onwabile kwaye amkelekile kwikhaya lakhe elitsha.
- Akho nathi indlovu ayisindwa ngumboko wayo ukubonisa ukuba umntu akafanele koyiswa ngumthwalo wakhe. Khangela nelo lithi ibuzi libonwa ngolaleleyo lijolise ekunqandeni ukufuna ukufumana into ungenzanga nto. Nelo lithi isilonda siphola kukuchanjuzwa ngelithi xa unento ekutyayo yiba nomntu ophungulela kuye umthwalo nanjengoko wenjenjalo uDeliwe ukuze afumane indlela eya kwixhegwazana.
- Zikho neengoma ezinjongo ikukugqiba amandla umzekelo emtshatweni apho umyeni kunconywa iisuti zakhe neehempe zakhe kuthiwe amazinyo uwalibele ukuwavasa.
- Imiyalezo ekhuthaza ukuba abantu bohlukane nocalu-calulo ibonakala xa abantu bebengcikiva uDeliwe becela uxolo esidlangalaleni nasemfihlakalweni.
- Ukuncedwa kukaDeliwe lixhegwazana kudlulisa umyalezo wokuncedana njengoko kukho iqhalo elithi 'Intaka yakha ngoboya benye' nanjengoko kukho nelithi isandla sihlamba esinye.
- Ukunyamezela nokuba nendzondelelo kwakhe uDeliwe ade afumane uncedo kuboniswa ngomyalezo osuka kwiqhalo elithi 'Umzingisi akanashwa'.
- Imiyalezo equlathwe zezi ndidi zoncwadi lwemveli zilumkisa uluntu ngobungozi bokucalu-calula abantu kuba baphela bekwimeko yoxinzelelo nokudandatheka komphefumlo.

Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

### UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI - MMI Swana nabanye

13.1 Kukulahla isitshixo sendlu de kufe umntwana yindlala. √√ (2)

13.2 Bafundiswa ukuba akulunganga ukuba nomsindo ogqithisileyo√√/Bafundiswa ukuba izinto ziyonakala xa kungahlaliwa kuthethathethwane ngengxaki ekhoyo.√√/Bafundiswa ukuba izinto ziyonakala xa ingekho intsebenziswano.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

13.3 Ngokuthi sakuya kubutha isikhukukazi kulahleke isitshixo, kudaleke ukungavisisani kwabathandanayo.√√ (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


13.4 Sikhokelele kuvuthondaba ngenxa yokufa komntwana omncinci yindlala nokudinwa.√√ (2)

13.5 Isikhukukazi sakhangela isitshixo ixesha elide singafumaneki.√√ (2)

13.6 Ewe, uyichaza ngokuchanekileyo kuba yintlekele ukufa komntwana ngesiquphe.√√ (2)

13.7 Ibhalelwe bonke abantu√ kuba intsebenziswano engekhoyo yehla nakubani.√√/kubantu abatshatileyo kufuneka bazi ukuba nantoni na ingawuqhawula umtshato√√/ibhalelwe bonke abantu ukuba bazi ukubutha kuneziphumo ezibi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (3)

13.8 Xa umntwana oyinkwenkwe sele ekhulile wayindoda kuba ligugu neqhayiya emzini√√/Xa umntwana oyinkwenkwe sele ekhulile wayindoda bayazidla abazali bakhe.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.9 'Yinkcalankcala inkunz'aseGwali.√√ (2)

13.10 Imbongi incoma uZilimbola ngesakhono anaso sokubonga, ukuncokola, ukuvuma nokuba ngumntu ofunde kumaziko emfundo ephakamikleyo ahlukahlukeneyo.√√ (2)

ÉcoleBooks

13.11 Kukubethelela ukuba kulapho ikomkhulu likaZilimbola likhona.√√ (2)

13.12 Sisikweko√ kuba uZilimbola ubizwa isilo kuba efana naso ngokwenza.√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi yokuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umbhali wedrama uye abe nendlela ethile yokubhala incwadi yakhe ukukhulisa ibali lakhe. Ndlela leyo athi asebenzise ubuchule bakhe bokuyila ingxoxo ngeenzame zokuphuhlisa iinjongo zakhe nokukhupha umdlalo ophume izandla. Le mpumelelo iye ivezwe ngala manqanaba alandelayo; ingabula-zigcawu, ukuyondelelana, uvuthondaba, isisombululo nesiphelo sebali.

**Ingabula-zigcawu**

- Apha kwesi sigaba izithole zempixano zithi zivezwe kwaye kulapho sithi nesimo sentlalo sityhilwe khona, kuze kwaziswe nabalinganiswa abaphambili apha encwadini. Kule ncwadi kaTamsanqa sidibana noNozipho encokola nomama wakhe uMaGaba, uNozipho uzivalele endlwini enomsi kwaye uhleli yedwa. Konke oku kwenzeka kwilali yaseZazulwana endlwini kaZwilakhe ongumninimzi weli khaya.
- Ngokusichazela ngaba balinganiswa umbhali ukhulisa isakhiwo sakhe sebali kuba ubaveza ekuqaleni kwaye ngabo abakhulisa ibali.
- Umbhali usebenzisa umsi kwakhona ukuphuhlisa injongo ethile nokukhulisa isakhiwo sakhe sebali. KwaXhosa umsi unentsingiselo engentlanga, kwaye umbhali ngokusebenzisa umqondiso womsi uyasikrobisa ukuba kukho okubi okuza kwenzeka apha encwadini.
- Inkcazelo asinika yona yabantu abahambileyo ukuya emtshatweni inento eyityhilayo ngento eza kwenzeka apha encwadini. Incoko ephakathi koMaGaba nentombi yakhe uNozipho ngomtshato neminqweno kaMaGaba iyikhulisa ngakumbi impixano kule drama.
- Ingoma evunywa nguNozipho ethi 'Dilika Thando lwam', iqulethe lukhulu kwaye iyasikrobisa ukuba impixano eza kuthi yenzeke kule ncwadi iza ngothando.
- Umbhali ube nobuchule bokuyila isakhiwo sale ncwadi ngesakhono sakhe sokukwazi ukuyikhulisa ngokuthi asebenzise uMaGaba ukuba afuthele indoda yakhe ngomoya wokubonela uGugulethu ongunyana wabo umfazi.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


- Umbhali uphinda asebenzise uZwilakhe ekuyileni esi sakhiwo kuba uthi akuyiva le nyewe ngomfazi wakhe abethe ngenqindi phantsi efunga esithi akasayi kujika kwisigqibo sokuba uGugulethu atshate intombi kaMcothama. Oku ukwenza engekaziva ezikaGugulethu izimvo kwaye sele ebonakala ukuba akazise so. Igama athe wamnika lona lo mlinganiswa ebemnika ngenjongo waze naye Zwilakhe walilandela akajika.

**Ukuyondelelana kwezinto**

- Kweli nqanaba uyilo lwesakhiwo luya lukhula ngokukhula kuba ingxabano nokungaboni ngasonye kuya kuthatha unyawo. Umbhali usebenzise indlela apha ebonisa ubuchule bakhe obungummangaliso kuba usebenzisa uZwilakhe ukondlala lo mcimbi wokuzeka kukaGugulethu ekukhuliseni nasekuyileni ngakumbi ibali lakhe.
- Uxambuliswano nokungaboni ngasonye kukaZwilakhe noGugulethu unyana wakhe ngombandela wokubonelwa luya luthatha unyawo. Olu xambuliswano alukho phakathi koGugulethu noZwilakhe uyise kuphela, koko kungenelele namaHlubi atsho ahlukana kubini.
- Umbhali uphinda asivezele umlinganiswa onguNomaMpondomise ngenjongo yokuyila nokwenza luqilima mpela esi sakhiwo. Ukwamkela kukaNomaMpondomise isicelo sokuthandana noGugulethu kwenza nzima izinto ngakumbi nangakumbi.
- Indima kaNomaMpondomise apha kulo mdlalo kukuza kuqinisa intliziyo kaGugulethu ngakumbi ngothando analo kuNomaMpondomise nokuza kukhulisa ngakumbi uxambuliswano phakathi kukaGugulethu noZwilakhe utata wakhe.
- UThobeka usetyenziswe njengomqobo oze kuxaba kwindlela eya empumelelweni kaGugulethu noNomaMpondomise. Igama alinikiweyo lenza ukuba kube nzima kuye ukuvakalisa izimvo zakhe ngokupheleleyo. Konke oku kwenzeka ngenjongo yokuyila ngakumbi esi sakhiwo sale ncwadi.

**Uvuthondaba**

- Umbhali uya eliqamangela ngokuliqamangela iqhina lakhe lokuyila isakhiwo sale ncwadi. Oku ukwenza ngokudulisa uvakalelo lwabalinganiswa baphumele elubala bazitsho zicace gca okwekat'emhlophe ehlungwini izimvo zabo. UNomaMpondomise ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa obesele emlobole ngenxa kaGugulethu.
- Uyilo lwesakhiwo luya lunyuka umnqantsa, uGugulethu utshatiswa ngebhaxa noThobeka angamthandiyo. Naye uThobeka kwelakhe icala akonwabanga sesi senzo kodwa ngenxa yokuthobela abazali wafa namthanyana.
- UMzamo ongumhlobo osenyongweni kaGugulethu uhlatywa asweleke emtshatweni kaGugulethu.

Limtshonela emini ilanga uGugulethu, oku kuvezwa ngamazwi awasebenzisayo athi, 'Liqalisile! Liqalisile! Liyaduduma! La mazwi kaGugulethu abonisa mhlophe ukudandatheka kwentliziyo yakhe kwaye akwatyhila ukuba umdlalo ngoku uyaya kwayiwayo kuza kuqhawuka unobathana.

- Njengoko izinto zisiya kwayiwayo, umbhali usebenzisa iphepha-ndaba ukuchaza ngokusweleka kukaMzamo emtshatweni kaGugulethu. Njengoko zingalali mbetheni ziye zafika nakuNomaMpondomise ezi ndaba wanga angathi vuleka mhlaba.
- Ukuzikhupha kule ngxubakaxaka uNomaMpondomise umangalela uGugulethu kwinkundla yamatyala eMthatha. Uyilo lwesakhiwo luya ngokuba mandundu kuba uNomaMpondomise uye waya kuzenyelisa emlanjeni wabhubha.
- Umama kaNomaMpondomise uManyawuza naye ulandela intombi yakhe ukuya kwantsonganyawana.
- UGugulethu ngokwasezingqondweni ukwelakhe ilizwe, mve xa esithi, Liyaduduma! Liyaduduma! Lidlula nemiphefumlo. Buzani kubawo! La mazwi kaGugulethu abonisa mhlophe ukuba ngoku izinto zijikile kukekelelwa ekusonjululweni kwezinto.

**Isisombululo**

- UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana bakhe kuGugulethu eMthatha. Isizathu sesenzo sikaZwilakhe kukuba yena Zwilakhe akanakondlela enye indoda usapho yona isidla amazimba. NgokukaZwilakhe sesona sisombululo sisiso esi sokuzama ukuthi xibilili umthwalo ekudala ewuthwele kaThobeka nabantwana bakhe.
- Isenzo sikaZwilakhe asizi nasisombululo sisiso koko siza nenyhikityha yokufa kuba uGugulethu uphela ebulala uThobeka nabantwana bakhe.

**Isiphelo**

- UGugulethu uyabanjwa agwetywe intambo.
- UMaGaba ongunina kaGugulethu uzityisa ityhefu afe.
- UZwilakhe ekugqibeleni uyavuma ukuba nguye unobangela wayo yonke le ngxubakaxaka, koko ucela ukuba kuvalelwe yena endaweni kaGugulethu.
- UGugulethu usamkela ngezandla ezingenamikhinqi isigwebo sejaji atsho eyalela okokuba umzimba wakhe uye kungcwatywa ecaleni kwentombi kaLangeni.
- Umbhali uphumelele ukusebenzise ubuchule obungayiwayo ukukhulisa ibali lakhe ngokuzisa ingxaki eba ngunobangela kanti ngalo lonke elo xesha uyila isakhiwo sencwadi yakhe

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WT Tamsanqa**

15.1 Injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kukunika umyalelo weqonga√√/Kukuchaza ngesimo sentlalo√√/Kukwazisa ngabalinganiswa abaza kuthatha inkxaxheba kuloo mboniso.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.2 Sisimo akuso uGugulethu ngenxa yokutshatiswa kwakhe ngebhaxa nguyise.√√ (2)

15.3 Kukunyanzela uGugulethu ukuba atshate uThobeka angamthandiyo.√√/
Kukuthumela uThobeka nabantwana kuGugulethu.√√
(Nayiphi na impazamo eyenziwe nguZwilakhe apha ebalini) (2)

15.4 Hayi kuba ibingekokungabikho kwesimilo koko uMzamo ebezama ukubonisa ukungalungi kwesenzo sakhe sokunyanzela uGugulethu ngomfazi √/Ewe kuba ngokwesithethe sikaNtu abantwana abaphendulani nabantu abadala bengabuzi nokubuza benikwa imiyalelo kuphela.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.5 Yintsingiselo ethi umntu oneenkani, ongafuni ukuboniswa njengoZwilakhe makayekwe de abone iziqhamo zokungabamameli abanye abantu ezibe kukufa kwabantu abaninzi kule drama.√√ (2)

15.6 Kuyiphembelela ngokuthi kungqubane izimvo apho abantu abadala bafuna ukwenza izinto ngondlela ndala bengenzi ngokokutshintsha kwamaxesha apho abatsha bafuna ukwenza ngendlela yokhanyo.√√ (2)

15.7 Ngokwesi sicatshulwa uvakalelo lwakhe alugungqi kwisigqibo sakhe, kanti mhla kugwetywa uGugulethu wayebonisa ukuzisola.√√ (2)

15.8 Sisibonisa ubuzaza besisombululo aza naso uZwilakhe kwingxaki esele ikho.√√ (2)

15.9 Ngowokuba kubalulekile ukuxhasana xa ningabahlobo kuba uMzamo ube secaleni likaGugulethu wangumhlobo wakhe onyanisekileyo√√/Ngowokuba uMzamo ulikholwane likaGugulethu.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

15.10 Luphuphelo √ kuba isikrobisa ngokubi okuzayo kule drama.√√ (3)

15.11 Ayilunganga indima abayidlalayo xa kuthathelwa kwisenzo sikaMaGaba sokulukuhla uZwilakhe ukuba abonele uGugulethu umfazi kuba sibe neziphumo ezibi zokusweleka kwabantu.√√ (2)

15.12 Yintlekele kuba kukho inyhikityha yokufa nesiphelo esilusizi. √√ (2)
**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**

Umbhali wedrama uye abe nendlela ethile yokubhala incwadi yakhe ukukhulisa ibali lakhe. Ndlela leyo athi asebenzise ubuchule bakhe bokuyila ingxoxo ngeenzame zokuphuhlisa iinjongo zakhe nokukhupha umdlalo ophume izandla. Le mpumelelo iye ivezwe ngala manqanaba alandelayo; ingabula-zigcawu, ukuyondelelana, uvuthondaba, isisombululo nesiphelo sebali.

**Ingabula-zigcawu**

Umbhali usazisa ngendawo apho ibali liqhubeka khona livula ibali lethu liqhubeka ezilalini kwaMagrazula nasendlwini kaMamQhinebe.

- **Abalinganiswa abaphambili**: Umbhali apha uyilo lwesakhiwo sebali lakhe usandlalela ngokuveza abalinganiswa abaphambili uMagrazula olixhwele neshishini lakhe lingahambi kakuhle kunye noMamQhinebe umfazi ohluphekayo.
- **Izithole zempixano**: Eli shishini lakhe lilo eliyintsusa nonobangela wokuqhubekeka kwalo mdlalo. Oku umbhali ukwenza ngokuthi asebenzise intlupheko kaMamQhinebe njengesisombululo kwingxaki kaMagrazula kanti kukuqala kwenkathazo.

**Ukuyondelelana kwebali**

- UMagrazula uxelela uDlezinye nongumqeshi wakhe ngesigqibo esithatyathiweyo entlanganisweni eThekwini, mve xa esithi, 'kule ntlanganiso ibiseThekwini sifikelele kwizigqibo zokuba sikhe siziyeke iintloko ezi kuba zisuke zanomjojo omninzi. Siza kukhe sisebenze ngeentsana. Ekusiyileni kwakhe umbhali esi sakhiwo uveza ingxaki eza kuba ngumqobo kulo mbono uza noMagrazula.
- Esi sakhiwo umbhali usiqamangela kwaye esintsokothisa ngakumbi ngokuzisa abafazi ukuba bazokuba ngamaxhoba okusetyenziselwa umsebenzi kaMagrazula ongcolileyo wokuba iintsana.
- Isixhobo asisebenzisileyo umbhali ukuyila kwakhona esi sakhiwo sesichubekileyo kuba uveza intsokolo nenzima enganyamezelekiyo eyambethe aba bafazi baza kusetyenziswa nguMagrazula.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


- Ukungafumani misebenzi kwabantwana bakaMamQhinebe noMaGatyeni baphele bezula elokishini betshiswa ngamalanga kuba ngunozala wesiwo sesi sibini.
- Umbhali uliqamangela ngakumbi eli qhina lokuyila esi sakhiwo kuba nangona uSiqhiwu ongunyana kaMamQhinebe noSiphokazi oyintombi kaMaGatyeni begqibile ukufunda izinto azimntakaNgqika kuba abafumani misebenzi.
- Bathi sele befikile kwiofisi yomqeshi uMaqhikizane afune ukuba uSiqhiwu anyobe aze uSiphokazi avume ukutshata naye ukuba ufuna umsebenzi.
- USiqhiwu noSiphokazi baphela besiya emthethweini ukuya kubambisa uMaqhikizane ngesi senzo. UMaqhikizane ufunyanwa enetyala waze wabanjwa.
- Ubuhlwempu bukaMamQhinebe buye bamenza azibone sele egaxeleka kwisenzo esingcolileyo nesimanyukunyezi esetyenziswa nguDlezinye ongumqashwa kaMagrazula kwaye isakhiwo sebali siya sisiba nokuntsokotha okumandla.
- Umbhali uya eliqamangela ngakumbi eli qhina lokuyila esi sakhiwo kuba ngoku sibona uMamQhinebe erhwebeshela uMaGatyeni kulo msebenzi wokuba iintsana.
- UMamQhinebe usebenzisa ubuhlwempu bukaMaGatyeni ngokuthi amgrogrise ngokuba abuyise zonke izinto ebekade emnceda ngazo neemali zakhe ezikuye xa esiva ukuba uyaqhankqalaza kwaye akahambiselani nesi senzo.
- Ezi zoyikiso zikaMamQhinebe ziye zaphumelela kuba uMaGatyeni waye waphela esiwa esikhepheni kuba engenayo indlela yokubuyisa izinto zikaMamQhinebe, isakhiwo siya sinyukela ngasentla.

ÉcoleBooks

**Uvuthondaba**

- Umsebenzi wabo wokuba iintsana awuthathanga thuba lide kuba kuthe kungentsuku-zatywala badibana neembila zithutha ngokuthi xa beserenkini edolophini eMthatha barhanelwe nguSajini Ntamo xa uMamQhinebe esoyiswa kukuthuthuzela umntwana osemqolo.

**Isisombululo/Isiphelo**

- UMamQhinebe noMaGatyeni bayabanjwa bevela kuba usana lwabo lwesibini belusa kuMagrazula. Amaqhinga abo okuzama ukuzikhupha kweli hlazo awa phantsi.
- Isiphelo sesi sibini asibanga sihle kuba baphelela entolongweni bakugqiba ukuba ngoomama bebhatyi abanemizi.
- Umbhali uphumelele ukusebenzise ubuchule obungayiwayo ukukhulisa ibali lakhe ngokuzisa ingxaki eba ngunobangela kanti ngalo lonke elo xesha uyila isakhiwo sencwadi yakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INDLAL'INAMANYALA – M Lamati**

17.1 Kukunika umyalelo weqonga√√/Kukuchaza ngesimo sentlalo√√/Kukwazisa ngabalinganiswa abaza kuthatha inkxaxheba kuloo mboniso.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.2 Kukuba uSiphokazi ufuna ukuthela thsuphe umama wakhe ngesicelo sikaSirhezu ofuna ukutshata naye.√√ (2)

17.3 Yimpazamo yokuba kuphantse kupatyalake umtshato wakhe noSirhezu amthandayo ngenxa yokufuna imali kaMaqhikizane.√√/Uphantse walelinye lamaxhoba kaMaqhikizane.√√ (2)

17.4 Ndiyahambisana kuba kuyilahleko ukuthi wakugqiba ukuyifundisa intombi ikushiye iyokwendela komnye umzi√√/Andihambisani kuba intombi xa ifundile ingaphangela ihlale ihoye ikhaya layo ibe kanti ilulutho ngolo hlobo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

17.5 Yeyokuba uthi wakugqiba ukumzala umntwana umkhulisile usuke ungamfuni ngokumthakatha kuba usiva ngabanye abantu.√√ (2)

17.6 Abantu abadala ngabona abaphambili ekwenzeni izinto ezigwenxa ezifana nokunyobisa√ kanti abancinci abahambisani noko.√ (2)

17.7 UMamQhinebe uvuye kakhulu akuba uMaGatyeni engenile kulo mkhuba wokuba abantwana kodwa uyazisola mhla abanjwa nguNtamo.√√ (2)

17.8 Sibaluleke ngokuba sisibonisa imini uMaGatyeni awawamkela wawuphehlelela ngayo umkhuba wokuba iintsana.√√ (2)

17.9 Ngowokuba ungumntu uyakwazi ukuba ngumhlobo nomntu ngenxa yemeko enizifumana nikuyo nobabini nide nilahlekisane ningaqondanga.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

17.10 Lubuyomva √ kuba siyakhunjuzwa okanye sibuyiselwa umva ngeenkumbulo ukuba kanene bekuqale kwathini ukuze kube lapha, umzekelo uMaGatyeni ubangelwe ngamayeza kaMagrazula awayewasebenzisile ukuba atshintshe iimbono zakhe ezinxamnye nokubiwa kwabantwana.√√ (3)

17.11 Ayilunganga le ndima kuba uMagrazula noDlezinye babenza izisulu aba bafazi ngenxa yokuba behlupheka bengenawo namadoda xa bebalobela kumsebenzi onobungozi njengokuba iintsana. √√/Ayilunganga kuba yinjongo yokubaxhaphaza aba bafazi le yokubalobela kulo mkhuba wokuba abantwana, besenza ngathi bayabanceda.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


17.12 Yintlekele siyoliso kuba kule drama bekubulawa abantu kuthengiswa intloko zabo, kubiwa abantwana, kunyotyiswa ukuze ufumane umsebenzi kanti ekugqibeleni bonke abantu abenze izinto ezimbi nezingekho mthethweni bayabanjwa abebengafumani misebenzi ngenxa yobuqhophololo ze baye bafumane imisebenzi.√√ (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

**ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| | **5-6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.